


Izinto ezi-5 ezibalulekileyo ekulungisweni kwetyotyombe lakho

Iinxenye ezahlukahlukeneyo zokulungisa zinokuphucula umgangatho wobomi kwityotyombe lakho. Ngokuhamba kwexesha, indawo ohlala kuyo iza kuba nesidima kwaye ibe yindawo ekhuselekileyo.



- 1 UCWANGCISO OLUSEKELWE KULUNTU**
Uluntu lwakho kunye nomasipala besebenza kunye ukufumana izisombululo kunye nokucwangcisa ukuphucula. Injongo kukuhlangabezana neemfuno zoluntu.
- 2 UKHETHO LOMIWO MHLABA**
Ukufumana olona hlobo lufanelekileyo lokhuselo olukhusela wena ekukhutshweni kwaye olukwenza wakhe, uqeshe kwaye uthengise.
- 3 IINKONZO EZIYIMFUNEKO**
Ukuqinisekisa ukuba unofikelelo kwinkonzo ezisisiseko ezifana namanzi, umbane, ezococeko, kunye nokuthathwa kwenkunkuma ukuze uhlale ngesidima.
- 4 IZIBONELELO ZOLUNTU**
Izikolo, iikliniki, izithuba ezivulekileyo ezisemgangathweni zoluntu kunye neeholo zoluntu kufuneka zininike ukuhlangabezana neemfuno zoluntu lwakho.
- 5 UKUDITYANISWA KWEZINDLU**
Ukuphucula indlu okanye umhlaba wakho ngokuhamba kwexesha, ngokwakha isakhiwo esilula esiphezulu, okanye ukutyala ekwandiseni ukukhulisa ubukhulu bayo, umgangatho nexabiso.



Thatha inxaxheba ekutshintsheni uluntu lwakho

Ipapashwe ngoMeyi 2020

8

F Uluntu norhulumente banokwenza okungaphaya xa besebenza kunye

Ukulungiswa kwamatyotyombe kuthathwa inxaxheba kwaye enyuswa, okuqhutywa yi-ISSP, kufuna izimvo nenkxaso kumntu wonke.



Bonke benendima ezahlukene amabazidlale kwaye kufuneka bafake isandla ngezakhono kunye nolwazi lwabo olwahlukeneyo. Ukusabela kwimingeni ejongene namatyotyombe kuthatha umzamo ohlanganyelweyo, ingakumbi ukuba iziphumo zijolise ukuba zizinze.

Yintoni WENA ongayenza?

- 1** Fumanisa kumasipala wakho ukuba indawo yakho iza kulungiswa nini na.
- 2** Bhalisa imfuno yakho yendlu, ukuba ufanelekile.
- 3** Nceda ukumisela okanye ube yinxenye yolwakheko loluntu olo umasipala wakho uzibandakanya nalo.
- 4** Yiya ezintlanganisweni ukuze uxoxe ngento ebalulekileyo kuwe.
- 5** Fumanisa ukuba yeyiphi eminye imibutho engaxhasa uluntu lwakho kwaye uye kuyo.
- 6** Uyazi ngcono indawo yakho. Nika izakhono nolwazi lwakho kucwangciso lweprojekthi.
- 7** Qiniseka ukuba kwindawo yakho akukho mntu oshiywa emva.
- 8** Cela ulwazi olutsha rhoqo ngokuphunyezwa kweprojekthi.
- 9** Qala ukulilondolozela kancinane ikamva.



Ubani abungcono nendawo ohlala kuyo engcono banokwenzeka kuba' SINGCONO SIKUNYE.

6

G INkqubo yeNkxaso yamaTyotyombe (ISSP): ikhona ukuxhasa wena

I-ISSP ibeka phambili ukulungiswa ematyotyombeni ukuphucula iimeko ezikhoyo zokuphila.

I-ISSP yindlela entsha, **egxile ebantwini nesekelwe kwintsebenziswano** ukuxhasa abahlali basematyotyombeni kwiNtshona Koloni xa iyonke kunye nokuphucula iimeko zabo zokuphila. Umjikelo wokuqala weprojekthi ujolise ukuphuhlisa malunga.

nama-25 000 eziza ezinikwa iinkonzo.

Ngokuhamba kwexesha, abahlali baza kuba nofikelelo kwizakhiwo zikawonke-wonke, izimali, umhlaba, umiwo mhlaba, amathuba oqoqosho kunye namathuba okunyusa izindlu.

Eli **licala elitsha** kakhulu loomasipala kunye norhulumente wephondo eNtshona Koloni ukulungisa umngeni wezindlu.

Ikusebenzela njani i-ISSP?

- Umasipala uyavuma ukuba ityotyombe lakho linika ikhushi elingonelanga, kodwa lidala indawo ohlala kuyo.
- Ii-NGO zinokuxhasa uluntu lwakho ukuba lusebenze nomasipala kwaye icwangcise indawo ohlala kuyo.
- Imizi yenu inikwe ilungelo eliqinisekayo lokuhlala kummandla, ngokuxhomekeke kwisithuba esifumanekayo neemeko ezingqongileyo.
- Umzi wakho unikwa amanzi, umbane nezococeko.
- Ngokuhamba kwexesha, umasipala uza kukhanyisela uwonke-wonke, iindlela, ugutyulo nokuthuthwa kwenkunkuma ematyotyombeni.
- Umzi wakho unokulondoloza imali kwaye uphucule ityotyombe ngokuhamba kwexesha.

I-ISSP izibophelele:

- A** Ekuphuculeni impilo, ukhuseleko nesidima sabantu abahlali ematyotyombeni
- B** Ukusetyenziswa kwemithombo yendalo ngobulumko kunye nokuqinisekisa ukuba izisombululo zizinzile
- C** Ukusebenza kunye noluntu namanye amaqabane
- D** Ukukhusela amalungelo amagela asesichengeni
- E** Inyathelo nenyathelo kuphuhliso lwe-situ yamatyotyombe ngokuhamba kwexesha



URhulumente weNtshona Koloni usabela kwamfuno zakho zekhushi nezokuphila.

7



INkqubo yeNkxaso yamaTyotyombe (ISSP):

Ukufumana izisombululo kunye

Izindlu ngowona mngeni mkhulu eMzantsi Afrika, ngemfuno yezindlu ezifikelekayo isodlula ukukwazi kukarhulumente ukuzinikeza.

Ngenxa yalo mngeni, abantu baye beza nezisombululo zezindlu besebenzisa imithombo kunye nemathiriyeli efumanekayo. Ngomzamo wokuphucula iimeko zabo zokuphila ematyotyombeni, uRhulumente weNtshona Koloni uzama ukubonelela ngofikelelo emanzini, kwezococeko, umbane ukhuselo lokuhlaliwa emhlabeni, nekhusi.



IZIQULATHO

- A** Kukho imfuneko engamandla yezindlu
- B** Unikezo lwezindlu eNtshona Koloni aluhlangabezani nemfuno
- C** Inani elikhulu nelandayo labantu lihlala ematyotyombeni
- D** Urhulumente ujongene noxinzelelo lwezimali
- E** Ukuphucula kulungisa imiceli neemfuno zenu
- F** INkqubo yeNkxaso yamaTyotyombe (Informal Settlement Support Programme) (ISSP): ikhona ukuxhasa wena
- G** Uluntu norhulumente banokwenza okungaphaya xa besebenza kunye


A Kukho imfuneko engamandla yezindlu

Nyaka ngamnye abantu abaninzi babhalisela izindlu koomasipala babo.

Ukusukela ngo-2015 ukuya ku-2019, inani elikhulu lemizi ebhalisele izindlu eNtshona Koloni landile.

Ukusuka ngaphezulu kwama-**528 000** ngaphezulu kwama-**550 000**

Oku kuthetha ukuba phantse ibe ngumzi om-**1 KWEMI- 3 ENTSHONA KOLONI** ufuna indlu efanelekileyo.



B Unikezo lwezindlu eNtshona Koloni aluhlangabezani nemfuno

Ubuzazi ukuba uRhulumente weNtshona Koloni sele unike malunga namathuba ezindlu angama-**20 000** ngonyaka ukusukela ngo-2009?

Ama-20 000 amathuba Kodwa imfuno inkulu kakhulu kunoko kwaye ukunika indlu wonke umntu oyifunayo kuza kuthatha ixesha elide emizi abhalisele izindlu kakhulu.

Ngo-2019, ngaphezulu kwama-**550 000 emizi** abhalise imfuno yawo yoncedo lwezindlu lukarhulumente.


Oku kuthetha ukuba kuza kuthatha ngaphezulu kweminyaka **engama-26** ukuba zinikezwe izindlu ukuhlangabezana nemfuno ekhoyo ngoku.

Oku akuquki inani lemizi efuna izindlu eziphucukileyo nezifikelekayo engabhaliselanga izindlu, okanye kube kubonakalisa into yokuba abemi beNtshona Koloni bayanda kunye nokuba abantu abaninzi baza kufuna izindlu kwixa elizayo.

C Inani elikhulu nelandayo labantu lihlala ematyotyombeni


emizi eNtshona Koloni ahlala ematyotyombeni okanye kwizindlu ezingemva.

Inani lemizi elihlala ematyotyombeni okanye kwizindlu ezingemva



Kuba kungekho mathuba oneleyo ezindlu, abantu abaninzi bahlala ematyotyombeni.

Amatyotyombe anda ngokukhawuleza kunokukwazi kukamasipala ukunika izindlu kunye nokunika iziza ezineenkono.



Kutheni esanda amatyotyombe?

- Abantu abangabodwa abaphuma kumakhaya osapho beyokuzihlalela
- Izinga elandayo lentswelangqesho
- Imizi emininzi engafanelekanga ukuba ifumane inkxaso-mali yezindlu, efana neemali-mboleko neemali zokuxhasa ukuthengwa kwezindlu
- Ukufudukela eNtshona Koloni kunye nemfuno yezindlu ezifikelekayo

D Avela njani amatyotyombe?

Ukukhangela ikhusi, kunye nokungabinayo imali yengqesho okanye yokuthenga indlu, abantu bazakhela amatyotyombe kwimihlaba engenabantu.

Ezi zakhiwo azicwangciselwanga ngumasipala kwaye ke ngoko azinalo ufikelo kwinkonzo eziyimfuneko ezilungiselelwe iimfuno, ukhuseleko kunye nokhuseleko lwabahlali bazo.


Ngabantu abaninzi besakha izakhiwo, amatyotyombe aye ande, esohluka ngobukhulu ukusuka kuma-**20** ukuya kuma-**100** ezakhiwo.

Amatyotyombe angaphandle kwezixeko needolophu akwalilifa loyilo lwezithuba zocalulo.

D Urhulumente ujongene noxinzelelo lwezimali

Amatyotyombe ayanda, kodwa uhlalo lwabiwo-mali lukarhulumente alwandi.

Uhlalo lwabiwo-mali lukaRhulumente weNtshona Koloni lwamatyotyombe ngonyaka



Ngo *2018/2019, uRhulumente waseNtshona Koloni wanika

ama-9 467 ezindlu ezixhaswayo **ama-8 693** eziza ezineenkono

Kuhlalo lwabiwo-mali lwe-**R2 018 776** Uhlalo lwabiwo-mali luvumela kuphela ukudalwa okumalunga nama-**20 000 amathuba** ezindlu ngonyaka

INDLU ENKASWA NEEMALI

Enamagumbi ama-2 okulala, igumbi lokuhlambela nendlu yangasese enesinki; ummandla odibanisa indawo yokuphumla nekhithi elinesinki; kunye nebhodi esele ilungele ukufakwa kombane.

ISIZA ESINKWA IINKONZO

Ufikelelo kumanzi acocokileyo, ezococoko, iindlela nogutyulo lwamanzi ezikhukhula.

Akukho mali yoneleyo kuba urhulumente ajongene nolunge uxinzelelo lwezimali:

Urhulumente wesizwe udlulisela imali encinane kumaphondo

Iindleko zokwakha zonyuka nyaka ngamnye

Imali yerhafu encinane eqokelelwayo ithetha ukuba urhulumente unemali encinane ayichitha kwiinkonzo

Imali eninzi ichithwa kuhlawulwa kubuyiswa ityala lesizwe. Oku kushiya imali encinane yonikezo lweenkonzo kunye neminye imisebenzi

Imali kufuneka yabiwe kumasebe awohlukeneyo karhulumente, afana nelezempilo, elemfundo, neleenkonzo zentlalo

E Ukuphucula kulungisa imiceli neemfuno zenu

Unokungabi nalo ufikelelo kwiinkonzo zikamasipala, iindlela/iindledlana, iinkqubo zogutyulo kunye nezinye iinkonzo ematyotyombeni. Oku kubeka iingozi ezininzi zempilo kunye nezokhuseleko, kwaye akuboneleli iimfuno zakho.

Umasipala wakho unoxanduva lokulungisa oku.

IINGOZI

Zenzeka ngokulula kule mo ingqongileyo, ngenxa yokungabikho kwezakhiwo kunye nolungiselelo lweenkonzo.

- Izikhukhula
- Imililo
- Ungcoliseko lwamanzi
- Ulwaphulo-mthetho

IIMFUNO

Oomasipala banoxanduva lokubonelela wena ngofikelelo kwiinkonzo ezilungisa iimfuno zakho.

- Amanzi
- Ucoceko
- Umhlaba
- Umbane
- Ukuthuthwa kwenkunkuma
- Ufikelelo kwindlela kwiinqwelo zezigulane/iilori zokucima umlilo